

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYOMSINTSI
2013



Impumelelo kwizityalo iqala ngokukhetha imihlanganisela nokutshabalalisa ukhula

U malathi-ndlela wekomiti yeengqikelelo vezizyalo bonise kuJuni ngo-2013 ukuba isityalo sombona omhlophe wezigidi zettoni ezimalunga ne5,9 nesityalo sombona omthubi wezigidi zettoni ezimalunga ne5,5 ziya kufumaneka.

Amaxabiso eSafex oluhlu lombona omhlophe ukususela kwi-R2 260 ngetoni nganye ukususela kuJulai ngo-2013 ukuya kwi-R2 130 kuJulai ngo-2014. Amaxabiso anyuke afikelela kwincocoyi ye- R2 330 ukususela kuDisemba ukuya kuMatshi ngo-2014. Umbona omthubi ubonise ipateni efana naleyo kodwa yexabiso eliphantsi elimiselwe malunga ne-R2 090 ngetoni nganye kuJulai ngo-2014.

Le yimeko yamaxabiso yexesha elizayo efanele ukuthathelwa ingqalelo xa kusenziwa izicwangciso zexesha elilandelayo lokulima ukususela kuOktobha ngo-2013 kude kuyiwe kuDisemba ngo-2013. Umntu kuza kufuneka enze isigqibo ngomxube womboma omhlophe nomthubi oza kufanelo imeko yakhe yokulima kananjalo akhumbule ukubeka phambili umba wemfuyo kwimisebenzi yakhe.

Unyaka odlulileyo wokulima

Ukulima umbona kwifama ezininzi kwixesha eli-dlulileyo kuye kwaxhomekeka kwimvula enileyo nakwifuthe lobushushu obufunyenweyo kwimmandla engundoqo yokulima kanti nakwiqingqi. Ubushushu abululungelanga umvumvuzelo kwade akwenzeka nto kwamanye amasimi ngokwemihla yokutyalu. Ifama ezahlulwe kuphela zikhilomitha ezimbalwa zibe namava elahleko epheleleyo okanye ecuthekileyo apho abanye bezuze khona izivuno zeqihelo.

Imihlanganisela nokutshataliswa kokhula

Imiba emibini ebaluleke kakulu kucwangciselokulima kunya ozayo iya kuba kukwenza isigqibo ngokukhetha okufanele imihlanganisela efaneleki-leyo yombona omhlophe nomthubi eya kumelana neemeko zemozulu ezinzima nezilungleyo.

Kuya kuba luncedo kuwe ukuxoxa nzulu, nombewi wakho ngembewu, nabalimi osebenzisana nabo kumaqela ofundo-nzulu, uxoxe nangenqubela

Imagazini yakwaGrain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala Moteng:

04 | Ukufaka ikalika kusabalulekile

07 | Abalimi beenkozo beNtshona-Koloni – abafanele ukukwenza phambi kokuphela konyaka

11 | IsiCwangciso semali
sesityalo esilandelayo sakho



05



06



08





UMAKHULU UJANE UTHI...

Phambi kokuthatha uhambo, ngokuqinisekileyo ufanale ukuba nofifi lwendawo olungiselela ukuya kuyo? Kwangalo ndlela, ubomi luhambo; nangona kunjalo uhambo lobomi lunezitishi ezininzi, ezi zitishi ziyanquuka ngokuya nave ukhula kwaye uvuthwa. Ngokuya wawusesikolweni samabanga aphantsi, wawuphupa ngokuba sesekondari; kodwa uthe wakufika esekondari waphupha ngokuya ekholeji; ekholeji ucinge ngomsebenzi oza kuwufumana; wacinga ngomtshato, ngokuba nendlu, abantwana nangezinye izinto.

Unzini lwenu lukolunye uhambo – isitishi ekuyiwa kuso kolu hambo kukusebenza umhlaba onawo ngeyona ndlela ifanelekileyo. Uhambo lwakho njengomlimi malube nesitishi oya kuso. Yintoni umzamo wakho?

Baninzi abantu ehlabathini liphelele abangenafama – kodwa baninzi nabantu ehlabathini abalima izityalo (ukutya) nokuba kusemhlabeni omncinane abanawo. Ndibone imifanekiso yabantu abalima kwizikhongozelo phezu kophahla njengoko ikukuphelela kwendawo abanayo leyo.

EMzantsi Afrika, abantu abaninzi banofikelelo emhlabeni omncinane (kwabo bahlala kwiindawo zexabiso eliphezulu. Baninzi nabantu abafikelela kwihekture e-1 yomhlaba odityanelweyo. Ngaba uyawusebenza umhlaba onawo?

Umhlaba olimekayo (wonke umhlaba) uneskakhono sokulimeka – isixa onokusilindela emhlabeni wakho sixhomekeka kubunzulu bomhlaba nemvula kune NOLWAZI, IZAKHONO ZOBUCHULE NOKUZINIKELA komntu osebenzia umhlaba. Ngaba usisebenzia sonke isakhono somhlaba wakho?

Asiyonto inokwenzeka ukuba bonke abantu ehlabathini babe nefama – awunakusilingana umhlaba kuba sibaniyi kakhulu. Oku kodwa makungaku-nqandi ukuba ungalimi ukutya kwindawana yomhlaba ofikelela kuyo.

Umnqweno wam kweli xesha lonyaka kukuba wonke umntu makaqalise ukukhupha ukutya kuloo mhlaba anako ukufikelela kuwo – ukuwusebenzia ngokupheleleyo umhlaba wakho makube sisitishi sakho sokulima. Unako ukuba negalelo kwimeko yokutya okwaneleyo ekhaya nasesizweni.

Impumelelo kwizityalo iqala ngokukhetha imihlanganisela nokutshabalalisa ukhula

kunye nezivuno ezifunyenwe kwifama yakho ngemihlanganisela esetyenziswe kunyaka ophelileyo.

Ngaphandle kokukhetha phakathi kwemihlanganisela, abalimi kufuneka bakhumbule okulandelayo: itheknoloji eguqu-guquka msinyane efana netheknoj ye-Bt, equbisana nohlaselo olunokubakho lombungu ogqobhoza izikhondo kwizityalo sombona; ukufakwa okubanzi kwezinongo zembewu ezivana nemo engqonge izityalo; ukusetyenziswa kwezomelezi zomhlaba; ukondla ngokusebenzia amaggabi kwizigaba ngezigaba zezityalo kune nazo zonke iinguquko ezenziwe kulawulo lwempilo yezityalo.

Kwiindawo zaseFree State eseMpuma ezinesakhono sesivuno esiphakathi, imihlanganisela evuthwa kwangoko okanye ngokukhawuleza etyalwe kwiveki yokugqibela ka-Oktobha ukuya ekuqalen kukaDisemba iqhube kakuhle ngokufanayo kuluhlu lweetoni eziyi-3,2 ukuya kweziyi-3,5 ngehetare nganye. Umbona ulinywe emva kweembotyi zesoya kwixesha elidlilileyo lokulima kanti ngaphandle kwemvula efika eqhawu-qhawulisyayo efunyenweyo nobushushu obuma bufika busiphucule isivuno kuneendawo aphi ixesa lokulima belilide khona.

Ukukhethwa kwembewu ehlanganiselweyo

Xa kuthethwa gabala abahlanganiseli bembewu abaninzi okanye abathengisi bembewu bathengisa imibekelelo okanye uluhlu lwemihlanganisela eneepateni zokukhula zakwangoko, kwithuba elisekuqalen neliphakathi malunga nemihlanganisela yombona omthubi ukuze ngemihlanganisela yombona omhlophe iipateni zokukhula zibe kwithuba elisekuqalen, eliphakathi ekuqalen nelisekupheleni kweiphakathi. Kuba nzima kumlimi ukuba akhethexa kuxubene umbona oqhelekileyo, okwaziyo ukumelana nombungu ogqobhoza isikhondo okanye imihlanganisela yombona ye-Bt, imihlanganisela esinyamezelayo isitshabalalisi sokhula se-glyphosate, nemihlanganisela yeziqalelo zemfuza ezicukeneyo ezipidbanisa zombini iintloblo zeempawu ezikhankanyiweyo.

Ekukhethwa kukho kwahluka-hlukene kakhulu ekwaje kufuneka kufanele umsebenzi wakho wokufama kunye nezihobo zakho onazo. Khumbula ukuba nokuba ukhetha ukulima ubukhulu becalo, izintlu ezingundoqo ezicetyiswayo ezimelanayo ne-Bt neziyinamezelayo i-glyphosate zombona wesiqhele, kufuneka ulinywe ngobuchule ecaleni kwemihlanganisela yombona ye-Bt.

Uqwaleselo iwezixhobo zokusebenza

Amandla okusebenza itrektra yakho, ubukhulu bezixhobo zokutyla nezihobo zokutshiza izityalo asenokuba ngumbandela osisithintelo ekulinyweni kwayo yonke imihlanganisela kwithuba elifanelekleyleo lokutyla. Sebenzisa imihlanganisela eyahluka-hlukileyo ngokusebenzia iintloblo zamaxesha okukhula amafutshane namade. Ukusetyenziswa kwayo iya kuvumela ithuba elandisiweyo lokutyla nave ukwazi ukusebenzia izixhobo onazo ngoku kwixesha elide lokulima. Imihlanganisela eyahluka-hlukileyo iya kumvumvuzela kumaxesha ahluka-hlukileyo ukuze kunciphe umngcipheko wamathuba embalela achaphazelisa isityalo siphelele ngexesa elinye.

Ukuba uyaqala okanye sowuqalile ukusebenzia izixhobo zokulima ngolondolozo, izixhobo zakho mazomele kwaye zenziwe kakuhle ukuze ziphumeze umsebenzi omhle wokulima.

Ukusetyenziswa kwemihlanganisela eliqela eyahluka-hlukileyo kumathuba ahluka-hlukileyo okukhula nawokuvuthwa kucetyiswe njengesenzo solawulo oluqhelekileyo ukuze kuncitshiswe imingcipheko kwimveliso.

Iindidi zokukhula zibekwe ngokwezintlu eza-hluka-hlukaneyo kwaye zinxulumene neentsuku ezinokuguquka ukufikelela kubushushu be50% yee-tassel, imilinganiselo yobushushu (i-HU) efune ka ekukhulisweni kwsityalo ifikelela kwi50% yee-tassel, kuxhomekeke ekukhuleni okugqibeleyo kwesiqu saso neentsuku eziqikelelwayo zokuvuna. Amathuba okukhula njengoko kwalathiwe nawo aphenjelelwya ngamaqondo obushushu akhoyo ngokubanzi kwindawo ethile.

Amaqumrhu abandakanyeka ekuhlanganiseni izityalo ahlele imihlanganisela eyahluka-hlukaneyo ethengisewa ukurhweba kwezolimo lwezigaba zokukhulisa. linkcukacha eziqikelelwayo ezenzelwe ukuvuthwa okukhawuleziyo okanye imihlanganisela ekhawulezayo ziboniswe ngezantsi njengomzekelo wamanani emilinganiselo echazwe ngasentla.

Ithuba leentsuku eziyi-61 ukufikelela kwi50% yee-tassel liya kusetyenziswa kwiindawo ezifudumeleyo kanti kwangawo lo mhlanganisela kuya kuthathwa iintsku eziyi-78 kwiindawo ezipholileyo. Kuya kufuneka imilinganiselo yobushushu engange-710 ukuze isityalo sifikelele ekuvuthweni. Ithuba elifuneka malunga nala manani emilinganiselo yobushushu besityalo ukuze sivuthwe ziintsku eziyi-109 kwiindawo ezifudumeleyo ukuze zibe ziintsku eziyi-159 kwiintsku ezipholileyo. lintsuku eziqikelelwayo zokuvuna ziya kuba yi-168 kwiindawo ezifudumeleyo nezingama-223 kwiindawo ezipholileyo.

Njengoko ubona ukuba imozulu efudumeleyo okanye epholileyo ngokubanzi inefuthe elikhulu



nakowuphi umhlanganisela okhethiwayo. Yonke imiba engasentla iya kuba phezulu malunga nayiphi imihlanganisela ehlelwe ngokwemihlanganisela yokukhula okuphakathi okanye okude. Qiniseka ukuba imihlanganisela ethengiswa ngamaqumru ahluka-hlukileyo iqala ithelekiswe ngokokubekelwelwa kwembewu yequmrhu elithile iphinde ithelekiswe nabanye abathengisi okanye abahlanganiseli bezityalo. Olu thelekiso luya kwenza ukuba ukutyalwa kwemihlanganisela kwensiwe ngemihla echanekileyo yokutyalwa. Kubalulekile kananjalo ukupuhlisa ubudlelane obulungileyo nomthengisi wakho wembewu ukuze ufumane ingqiqo efanelekileyo ngeentlobo zembewu ezi-khoyo.

linkqubo zokutshiza

Kwiifama apho kukhethwe khona imihlanganisela yesityalo sombona esinyamezela i-glyphosate nemihlanganisela yombona eqhelekileyo ngenjongo yokutyalaa kuya kubakho isidingo seen-kqubo ezahluka-hlukileyo zokutshiza. Kubalulekile ukuhlohlha izixhobo zakho zokutshiza nokwenza amaqondo emilinganiselo ngokunjalo nokuvanya iinkqubo kakuhle phambi kwexesha lokutyalwa.

Ukfakwa kwe-glyphosate kwiinkqubo zokulima ngolondolozo kunokudinga ngaphezu komsebenzi omnye wokutshiza phambi kokutyalwa. Imvula efunyenwe emva komsebenzi wokuqala wokutshiza unokwenza ukuba ukhula luhindle luhkule. Akucetyiswa ukonga imali zesinye isitshizi esinokufuneka xa ukhula luhindle lwakhula kwa-khona phambi kokutyalwa luhindle lukhuphisane nesityalo esilinywe ngokutsha kwangoko.

Kwiinkqubo zokulima ngolondolozo ezisebenzisa ukutshabalala ukhula ngoamatshini abasebenzisa i-glyphosate kukholisa ukusebenza ngokutshiza kanye phambi kokulima. Isimo sokhula nokulahleka kokufuma okunokubakho kufuneka kuhlalw kuqwalaselwa.

Izithako ezisebenzayo zomchiza ezicetyiswa ngombona oyinyamezelayo i-glyphosate xa kuthelekiswa nombona oqhelekileyo weendleko eziqikelelwayo ngehektare nganye ziboniswa ngezantsi. La macebiso anokusetyenziswa njengesikhokelo sokuqonda amagama eentlobo zemichiza yokhula nemidibaniso yemichiza yokhula ekummandla wentengiso.

Nceda qiniseka ukuba amacebiso okuxuba izithako ezisebenzayo kanye nezongezelelwa namanzi kanye nesixa esifakwa ngokupheleleyo ngehektare nganye apho kukho khona izithako ezixutywe namanzi. Kusenokufake imixube epheleleyo eyahluka ukususela kwiilitha eziyi-150 ukuya kweziyi-250 ngehektare nganye kuxhomekeke kwiimeko zomhlaba nesakhono somlimi sokuba namanzi awaneleyo omsebenzi wokutshiza. Ukuxutywa okuthe chatha ngehektare nganye kuya kusebenza indawo eyandisiweyo etshizwayo ukuze oko kubangele ukutshatalaliswa okuphucukileyo kokhula.

Inkqubo yokutshabalala ukhula emboneni onyamezela i-glyphosate

I-glyphosate engama-450 ngeelitha ezi-2 ngehektare nganye yesithako esisebenzayo esixutywe ngamanzi nezongezelelwa ezifanalekileyo inokutshiza phambi kokutyalwa ngeendleko ezimalunga ne-R100/ngehektare nganye. Tshiza emva kokutyalala kodwa phambi kokuntshula nge-acetochlor ne-safener kangange 0,8 yelitha/ngehektare yesithako esisebenzayo kanye namanzi ngeendleko ezimalunga ne-R70/ngehektare. Oku kungenziwa kanye nomxube we-atrazine netebutylazine kangangeelitha ezi-2/ngehektare yesithako esisebenzayo ngeendleko ezimalunga ne-R120. Tshiza isityalo sombona phambi kwebanga lamaggabi lesibhozo nge-RU ye-powermax kangange-1,7 yeelitha/ngehektare zesithako esisebenzayo kanye namanzi ngokweendleko ezimalunga ne-R90/ngehektare ne-Acetochlor ngelitha e-1 /ngehektare yesithako esisebenzayo kanye namanzi ngeendleko ezimalunga ne-R60/ngehektare.

Ukutshatalaliswa kokhula kwiintlobo zombona eziqhelekileyo

Ukutshatalaliswa kokhula emboneni wesiqhelo okanye oqhelekileyo kufuneka kwensiwe emva kokutyalala kodwa phambi kokuntshula ngokusebenzisa isitshizi se-acetochlor kanye ne-safener kangangelitha e-1 /ngehektare yesithako esisebenzayo ngeendleko ze-R87,50/ngehektare ngomdibaniso we-atrazine ne-tebutylazine kangangeelitha ezi-3/ngehektare kangangeendleko ze-R180/ngehektare. Ukutshiza kunokugqityzelwa phambi kwebanga lamaggabi lesibhozo nge-Acetochlor kangangelitha e-1 litre/ngehektare. Kwakhona sebenzisa umxube ocetyiswayo wamanzi, izongezelelwa nezithako ezisebenzayo.

Isiqualatho sodongwe somhlaba

Yiba soloko usazi isiqualatho sodongwe somhlaba ongaphezulu ukuze imichiza yokutshabalala ukhula ene-atrazine ifakwe ngokwesixa esichanekileyo. Umhlaba onodongwe oluninzi udinga i-atrazine eninzi. Kwelinye icala xa ifakwe kakhulu i-atrazine kumhlaba oyisanti isuka iqengqeleke ingcolise amanzi nemifula ekufuphi emasimini atshiziweyo.

Wahlole kakuhle amasimi ukuze uchonge iintlobo zokhula ezikhoyo wandule ukuthetha nomcebisi ngemichiza ukuze usebenzise imichiza echanekileyo eza kusebenza kakuhle.

Elokugqibela

Uhlalutyo olunengombolo yemihlanganisela kanye nocoselelo locwangciseloo lweenqubo zokutshiza eziza kusetyenziswa ziya kuqinisekisa ukuba isityalo sakho singanako ukuphumelela njengmveliso enenzuzo.

Inqaku libhalwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.



Ukufaka ikalika kusabalulekile

Ikalika ngumba obalulekileyo wolawulo lwezondlo kuba xa ipH yomhlaba isihla, ichaphazela imveliso yesityalo kabubi kune nesakhono sesivuno. Ikalika yimveliso egalelewa ukuxuba ubumuncu beasidi yomhlaba nokuwubuyisela kulungelelwano olulolona lufanele imveliso.

Abalimi bayabhideka ngamanye amaxesha xa bebona omnye umlimi efumana isivuno esiphe-zulu kunesabo naxa imihlaba yabo ifana. Zisenokuba zinini izizathu kodwa esinye sazo ngamanqanaba e-pH. Abalimi abafumana izivuno ezifanelekileyo kungenzeka ukuba bawabek' esweni amanqanaba e-pH yemihlaba yabo ukuze bayithinte ekunukeni nasekuhleni kakhulu. lilahleko zezivuno ngenxa yemihlaba eneasidi eninzi zenzeka zingangxamanga ngokunjalo xa ugalela ikalika ukuze uylungise le meko, kuya kuthatha iminyaka emibini ukuya kwemithathu ukuphucula loo manqanaba ezivuno. Ukulawula amanqanaba e-pH yentsimi yakho kabaluleke nangakumbi xa abalimi besoloko belima umbona.

I-pH efanelekileyo

yomhlaba ibalulekile kuba:

- Yomeleza ubukho bezondlo kwizityalo zakho ngokuncedisa ngokuhamba nokufunxwa kwe-phosphorous, i-nitrogen ne-magnesium. Ifuthe le-pH yomhlaba ekunyibilikeni kweetyuwa okanye kwezondlo kabalulekile njengoko izondlo ezininzi ezibalulekileyo zezityalo zisemhlabeni ukuze kuqinisekiswe ukuba izityalo zizifumana ngokuthi zinyiblike emanzini omhlabo.
- Inceda ngokunamatheliswa kwe-nitrogen.
- Ikhuthaza uphuhliso lwezityalo olunempilo.
- Ifanele ukusebenza okunempilo kwezidala-wana ezisemhlabeni njengoko ilungile kwiibhaktiriya, kumngundo nakobunye ubomi bomhlaba kumjikeleziso wezondlo.

- Yomeleza ukusebenza kwemichiza etshabalalisa ukhula. Ukuphazamiseka kokusebenza kwezidalwanana kuthetha ukuba kuya kubakho iingxaki zemichiza yokhula eziqhubela phambili ngoko ke abalimi kufuneka baqaphele ukuba amanqanaba e-pH akufanele ukugcinwa kwezidalwanana ezininzi neziququzelayo.
- Inegalelo kulwakhiwo lomhlaba olunempilo aphi umoya namanzi ahamba lula khona. Kuyimfuneko ukuba kusoloko kuthathwa isampulu zomhlaba ukuze kufunyaniswe isidingo sekalika ngokunjalo kwaziwe nokuba ingakanani enokugalelwenaentsimini. Ixabis le-pH kuhlalutyo lomhlaba wakho liya kuba sisikhokelo sakho.

Yintoni i-pH?

Enyanisweni isishunkulelo esithi pH simele oku "the power of hydrogen – amandla e-hydrogen" kanti i-pH yomhlaba ichaza ukuba umhlaba uneasidi okanye une-alkaline engakanani. I-pH ilinganiswa ngokwesikali se-pH esisuka ku ukuya ku14 aze u7 abe sesiphakathini. Ngoko ke amanqanaba anganeno ku7 aneasidi eninzi ukuze amanqanaba angaphezu ku7 abe ne-alkali eninzi.

I-pH nezityalo zombona

Imfihlelo yomhlaba olungelelene kakuhle, no-chumileyo inokunxulunyaniswa ngokungqali-leyo nenqanaba le-pH. Elona nqanaba le-pH yomhlaba efanele ukulinywa kombona iphakathi kuka6,0 no 7,0. Ukuba i-pH yomhlaba inganeno ku5,5, izityalo zombona ziqala zibe neengxaki ngakumbi ngenxa yobukho be-aluminium ne-manganese ezikhawuleza zifumanike kwimihlaba ene-asidi nenokudo-dobalalisa ukukhula kwezityalo zakho kwaye zingade zizibulale.

“

Ukuzama ukwandisa kangangoko iinzozo zombona ngaphandle kokuqonda ubumuncu kunjengokwakha isakhiwo esingukrwec' izulu ungakhange uqale ngokwenza isiseko esomeleleyo sekhonkrithi – ungalindela ukuwa kweso sakhiwo siphelile.

Izimbiwa ezifana ne-aluminium kune neman-ganese ziyingxaki emihlabeni eneasidi kuba xa iphantsi i-pH, zikhawuleza zinyibilike. Oku kuthetha ukuba zinyibilika lula emanzini ngoko zifumaneka lula kakhulu kwaye zinefuthe elibi kwizityalo ezikhulayo. I-aluminium iba ninzi kakhulu kuba yiyo exphaphake kwiingqakum-bana ezininzi zodongwe.

I-pH ephantsi emihlabeni nayo yenza ukuba i-phosphorous, i-nitrogen, i-potassium, i-sulphur, i-magnesium ne-calcium zingafumaneki lula kwizityalo ezikhulayo. Imihlaba ene-asidi eninzi ingalukhathaza uphuhliso lweengcambu zezi-tyalo ngokunjalo nokuququzelayo kwezidalwanana zomhlaba.



Ubungqina obuyinyaniso bomlimi womKenya orhwebayo – Isivuno sombona sande ngokuphenda-phindwe kasibhozo

Ngo-2008, uIsaac Ochieng Okwangi oneminyaka eyi-29 ubudala, umlimi orhwebayo waseKenya, uvune iitoni eziyi0,12 nge-hektare nganye kwintsimi yakhe yombona yehektare eziyi1,5. Kuyo yona loo ntsimi ufumana iitoni eziyi-0,960 ngehektare nganye yombona kanti ngenxa yokuba uqhuba umsebenzi wokufama eKenya kumaxesha onyaka afudumeleyo usivuna kabini esi sityalo ngonyaka. UOchieng uthi isizathu sokuphinda-phindwe kwsityalo sakhe sombona kasibhozo, kukuba ufaka ika-liko kwifama yakhe. Ikalika ithobe amanqanaba easidi esemhlabeni waze umhlaba wazifanelo phucukileyo izityalo ezikhulayo. Isenzo sonyaka ngamnye sokulima umhlaba besiyinyusa iasidi yomhlaba sithe chu kwaye singawaphumzi amasimi kwaye oko kwaba nefuthe elingalunganga kwizivuno. UOchieng uthi emva kokuba esasaze ikalika emasimini akhe ombona, umahluko ubonakele kwangoko njengoko umbona uqale waphaphama wasempilweni zaze zonke izityalo zanezikhwебу ezi-bini ukuya kwezithathu. UOchieng ukususela ngoko wakwazi ukwakhela usapho lwakhe indlu entsha kanti impumelelo yakhe ngoku iqinisekise abalimi beli lizwe ukwembela ikalika emasimini abo.



Yintoni eyenza ukuba umhlaba ube neasidi eninzi?

Ziliqela izinto ezinefuthe kumanqanaba easidi yemihlabu.

Imvula enkulu

Iindawo ezinamanqanaba aphezulu eemvula kungenzeku zikhukuliseke. Imvula ibangela ukuba imihlabu ibe neasidi eninzi xa amanzi edlula emhlabeni ngokukhawuleza okukhulu. Imihlabu enesanti ikholisua ukuba yeyona eba neasidi kuba amanzi ahluzeka ngokukhawuleza ngenxa yokuba luluncinane udongwe nesiqualatho zezinto ezivela kwindalo.

Imveliso yezytalo

Amasimi asetyenziselwa ukulima izityalo mhlawumbi nokutysa imfuyo alahlekelwa ziityuwa ekuhambeni kwexesha ngenxa yokususwa kwezytalo njengoko izityalo nezilwanyana zisebenzisa i-calcium. Izityalo zifunxa izondlo ezsabukalika emhlabeni ukuze zizondle ngazo ukuze xa zivunwa ezi zityalo kuthathwa isivuno entsimini, ezinye izinto ebezinako ukuthomala lisa iasidi ziyalahlekwa kugqibele ngokwanda iasidi emhlabeni.

Ukufakwa kwasichumiso

Izichumiso zanamhla ezinemichiza zonke zinegalelo kumanqanaba easidi esemhlabeni. Ukufakwa kwe-nitrogen ngonyaka ngamnye kubangela iimeko zeasidi kuhokelela kungangxamanga kwiimeko zamanqanaba aphezulu easidi emasimini ethu ethubeneni.

Indlela yokulungisa ukusilela kolungelelwano

Iltyle lekalika ngumthombo wemvelo we-calcium enyusa amanqanaba e-pH emhlabeni. Inkubo yokulungisa umhlaba kufuneka yenzekile kwiminyaka embalwa yokugalelwu kwekalika kwezolimo. Nangona kukho imimandla engenalo iltyle lekalika ngokwendalo efana nePhondo laseMntla-Ntshona, kusabalulekile ukuyivavanya imihlabu ukuze kuqwalaselwe ukuba ngaba kuyauneka na ukulungiswa komhlaba kuthintelo Iweenkqubo ezbangela iasidi. Ziliqela iintlobozekalika ezikummandla wentengiso yeemveliso zezolimo. I-pH echanekileyo ixhomekeke kwisityalo esilinyiweyo kwaye yimfuneko ukufumana icebiso kubamelu bendawo yakho bezichumiso okanye kwabeshishini lezolimo. Xa kugalelwu ikalika kunyuswa inqanaba le-calcium nele-magnesium emhlabeni. Kufuneka amanzi kuphela ukwenza ukuba isebezena ikalika ngoko ke ikalika ithatha ixesa ukusebenza emhlabeni owomileyo ingathatha nonyaka obona buncinane okanye ngaphezelu ukulinganisa inguquko kwi-pH yomhlaba.

Kukhethwa ukuba ikalika ifakwe ekwindla ukuze kuncitshiswe ubuasidi bomhlaba phambi kokuqalisa ngokulima izityalo kodwa ukuba oku akunakwenzeka kusalungile nokuyigalela entlakohlaza kunokungayigaleli kwaphela.

**Inqaku linikelwe nguJenny Mathews, umbhali
kwiPula/Imvula. Ngolvazi olungaphaya kolu,
thumela i-imeyili apha: jenjonmat@gmail.com.**

Mazi... uMaurice Boki

Dibana noMaurice Mthandeki Boki, indoda yomhlaba ezimiselayo, ethanda izilwanyana, ezinikele ekusebenzini kangangoko inako nesoloko izabalazela ukufika empumelelweni.

Uwenza phi umsebenzi wokufama kwaye ngeehektare ezingaphi?

Uwenza ngantoni?

Okwangoku ndenza umsebenzi wokufama kwiehektare eziyi-1 178 zefama ekwisithili saseCederville eMpuma-Koloni.

Uwenza ngantoni umsebenzi wokufama?

Ubukhulu becalu ndifama ngeenkomo kwaye ndilima umbona kumhlaba weehektare eziyi-135. Ndinomhlambi weenkomo eziyi-200 edlelweni. Umsebenzi wokufama ndiwuthanda shushu kwaye uyandikhuthaza ukuba ndiqhuba ngawo lonke ixesha.

Ukhuthazwa yintoni?

Uthando Iwam lokulima yeyona nto indikhuthazayo. Oko ndandingumntwana ndandisoloko ndikhuthazwa kukuba yindoda yomhlaba, kwaye ndizithanda ngomoya wam wonke izilwanyana. Inkosaki yam, uKholiswa, nam sinabantwana abane. Unyana wam uSthembile ukwicandelo lokushishina eGoli, intombi yam enkulu, uLindelwa nguggirha eMonti ukuze intombi yethu yesibini, uZintle ukwicandelo lokuthengisa eGoli ize intombi yethu yokugqibela ibe sekhaya.

Chaza amandla akho nobuthathaka bakho

Amandla: Awona mandla am makhulu kukuzinkela ngamandla kwinto endiyenzayo kwaye ndizabalazela ukuphumelela.

Ubuthathaka: Ubuthathaka bam bufana nobunye babanye, ukungxama nokufuna ukuphumelela msinyane. Ndifuna yonke into ukuba ibe yensiwe izolo.

Sasingakanani isivuno sakho ngoko wawusaqala ukufama? Zinjani izivuno zakho ngoko?

Ndaqala ukurhweba ngokufama ngo-1995 emva kokuthenga ifama yam yokuqala. Phambili koku ndandingunovenkile, aphi ndandizama khona umsebenzi wokufama ndizindla ngemfuyo. Ukuqala kwam ukufama ndakwazi ukufumana iitonu zombona eziyi 2,5 ngehektare nganye. Ngoku ndifumana izivuno ezingapezu kweetoni eziyi-6 ngehektare nganye. Ndinemfuyo yeenkomo eziyi-200.

Ubunzima bokulumla nabo bande ukusuka kwi 40 kg ukuya kwi 50 kg.

Ungathi yintoni ekunike amandla enkubela nempumelelo onayo?

Kukusebenza nzima, ukuzinikela ekufikeleleni kwimqaliselo yethuba elifutshane nelide, nenkxaso yosapho Iwam zezona zinto zindinike amandla enkubela nempumelelo.

Loluphi uqequesho olufumeneyo uza kuthi ga namhlanje iloluphi osafuna ukulufumana?

Ndiye kwizifundo eziliqela eCedara kwiminyaka engamashumi amabini adlulileyo. Akukho mntu onokuthi wanele luvwazi.

Uzibona uphi kwiminyaka emihlanu ezayo? Yintoni onqwenela ukuyizuza?

Kwiminyaka emihlanu ndinqwenela ukufumana iitonu ezelishumi zombona ngehektare nganye emhlabeni owomileyo nokwandisa iihektare endizilimayo. Ndifuna nokwandisa umhlambi wam owandayo ube ziinkomo eziyi-400. Into enokuba sisithintelo ingaba ngumhlaba onganelanga.

Ungabacebisa uthini abalimi abatsha nabanomnqweno?

Kubo bonke abalimi abatsha phaya: Ningacingi ukuba niya kuba zizityebi ngemini enye. Kunzima ukufama, kuthatha ixesha ukukhula nokuzinza ngokwasemalini. Kufuneka ukuzinikela okukhulu, umonde nomzamo wokuphumelela emsebenzini wokufama. Umuntu makakhumbule ukuba injongo ephambili yokufama kukondla isizwe.

**Inqaku linikelwe nguJohan Kriel,
umQuquzeleli woPhuhliso weNkqubo
yeGrain SA yoPhuhliso IwamaFama.
Ngolvazi olungaphaya, thumela
i-imeyili apha: johank@grainsa.co.za.**



Osiriyeli Zasebusika

Emva kokuvuna: Sebenzisa ixesha ukuze wonge ixesha

Ixesha elifanele ukuchithwa kulondolozo lwefama ngokubanzi nokulungisa isitora neshedi yeziyhobo kulula ukungalisebenzisi kakuhle, nangona kunjalo, xa le mibandela inokunikwa ingqalelo nokuba incinane kangakanani emva kwexesa lokuvuna lininzi ixesha elinokongwiwa ekuhambeni kwexesa. Ukkumamisa umsebenzi xa kukhandwa naxa kugqogqwa "izixhobo zokusebenza" kungathintelwa.

Ukucina impahla kakuhle sisixhobo esibaleulekileyo esinokunciphisa iindleko zoomatshini kakhulu ngalo lonke ixesha lokulima xa oomatshini besoloko belungiswa ukuze kuthintelwe ukonakala kwabo. Kaninzi sikhola ukubakraqua singxamile oomatshini nezixhobo zokusebenza endaweni yokuzinzisa iliso nokunkira ingqalelo ebalulekileyo eyimfuneko kuba xa sibahlola ngo-nophelo sinako ukuphawula iimpawu zokudleka nokuqualisa kokonakala bengekade baphuke, umzekelo iifenbhelthi neebheringi ekusenokwenzeka zifune ukutshintshwa.

Ixesha elisemva kokuvuna

Abanye oomatshini basefama basetyenziswa kulo lonke ixesha lonyaka, nangona abanye, abanjengezihobo zokuvuna noomatshini bokuvuna nokubhula, benokuhlala iinyanga ezininki kunge-khon to bayenzayo. Ukuba aba matshini abacocwa kakuhle phambi kokuba babekwe imeko yabo isenokwetha ithe chu kupuhle iingxaki, ngoko ke kubalulekile ukubakhathalela nokubakhusela kuba balutyalo-mali.

Ngexesha lokuvuna aba matshini basebenza nzima baze bagqunywe luthuli, kukungcola nayigrisi ngoko ke kufuneka becocwe kakuhle kwaye bahlolwe ukuze kufunyaniswe ukuba zeziphi iindawo ezidunga ukukhandwa.

- Tshintsha ioyle neefiltha, jonga ibhetri, tshintsha iifiltha zomoya.
- Qwalasela iinkqubo zokupholisa ujunge uku-

vuza kwiradiyetha okanye emibhojeni eyo-nakeleyo.

- Jonga ukuba ngaba zonke izibane zikwimeko elungileyo na yokusebenza.
- Sisenzo esiya kuhlala silungile ukugcina iitanki zamafutha zizele ukuze kuthinteleke ukujya njengokwenza amanzi kwidizili nto leyo engayilungeliyo kwaphela impompo yedizili.
- Zonke izixhobo mazithanjswe ngeoyile kakuhle.
- Amathayara mawakhushelwe xa egciniwe. Asenokucinwa ngaphakathi endlwini okanye agqunywe ukuze akhuselwe ekukhanyeni kwelanga. Kanti kulungile nokubanyusela phezulu oomatshini ukuze ubunzima bayo obenziwa kukuma kwixesa elide bususwe emathayareni.
- Makuqwalaselwe iinathi zamavili kwaye zigcinnwe ziqiniwi kuba iinathi ezingaqinanga zibangela ukuhexa nokukhuthuka kwaye oko kunokonakalisa izikhonkwane zamavili kanti neirim zingaba namathanda.

Oomatshini mabalungiswe ukuze bakulungele kakuhle ukusetyenziswa kwixesa eliayo ngo-kwenza njalo kongeka ixesha xa kufika ixesha elilandelayo lokuvuna okungxamisekileyo kwhona.

Izithuba zokugcina impahla

Ishedhi ezisetyenziswa njengezitora mazisoloko zicocwa kakuhle kwaye zilungiswe ngendlela efanelekileyo kungenjalo zitsala amabuzi neempuku ezonakalisa izixhobo zintlantlathe iingcingo koomatshini kanti ezo meko zingenza umothuko ongafunekyo xa sekufuneka ukuba basebenze oomatshini.

Ngumzamo nesicwangciselo esincinane kakhulu ukwenza izinto ngononophelo kodwa kunceda kwawena ukuba izinto ozifunayo ukhawuleze uzifumane lula, ucoce izixhobo ezimileyo kumaxesha ngamaxhesha kwaye ukhawuleze ubale impahla egciniweyo ngokukhawuleza.

Pakisha izikhongozelo ezidala kwindawo enye, beka iingxowa eziluncedo zibe ziimfumba ezbuke-kayo uze uxhome izixhobo ezirakini okanye ezbihodini. Zama ukucina umgangatho ungenanto kwaye ucocekile ngokusebenzisa iintsku 'zemvula' usebenze kwishedi yefama nakwiindawo zokugcina impahla. ☺



Inqaku linikelve nguJenny Mathews,
umbhali kwiPula/Imvula. Ngolwazi
olungaphaya kolu, thumela i-i-meyili
apha: to jenjonmat@gmail.com.

Abalimi beenkozo beNtshona-Koloni

– abafanele ukukwenza phambi kokuphela konyaka

E Ntshona-Koloni, inyanga kaSeptemba ibizwa ngokuba yinyanga yokunqwalasela ixesha lemveliso yesityalo esinemali.

Ukuba sinexesha leemeko eziphole kakhlulu ngoSeptemba, kube ngathi lide ixesha lokukhulisa, oko kunokubangela ukuyondelela na okuhle kwembewu, ukuze oko kuniike izivuno eziphucukileyo. Kwelinye icala yinyaniso oku: ukuba imvula iyayeka ukuna amaqondo obushushu ayenyuka, eli xesha liba lifutshane kwaye izivuno zingehla.

Oku asikwazi kukulawula, njengoko sihomekeke emvulen ikuze sivune izityalo. Kodwa sinako ukukwenzelelela oku, ngokusebenzisa indlela yokufama ngolondolozo. Xa zanele iintsalela zezityalo zexesha elidlulileyo ngaphezu komhlaba sinako ukukugcina ixesha elide ukufuma, ukuze isityalo sifikelele emsebenzini waso wokuyondelela na kwembewu.

Ukususela ngoJulayi ukuya kuSeptemba sifanele ukuvula amehlo siqwälasele izityalo zethu rhoqo malunga neengxaki zezinambuzane kanye nezifo. Izinambuzane ezifana nemibungu kwaneentwala engqoloweni, kwi-bhali neowuthsi, iintwala emakhaphetshini, imibungu kwicanola inokubangela umonakalo kwizivuno ezinokubakho. Mazinyangwe izifo ezifana nezeentlobo ezahluka-hlukileyo zerusi nomngundo osabumgubo. Kusenokufune ukuba sifake izichumiso njengomaleko ongaphezulu kanti ukunqongophala kwezidilwanana malungiswe ngezitshizi zamaggabi.

“Wagcine uwongule amehlo impumlo ikwizityalo wanga unganempumelelo ngexesha lakho lokuvuna.

Ukususela ngoSeptemba ukuya phambili izityalo ezahluka-hlukileyo xa kusondele ixesha lokuvuna, kuxhomekeka ekubeni zazilinywe nini kwaye phi kwiphondo nakwifama. Oku kungenziwa phakathi kuSeptemba kwangoko. Ukuba izityalo zigqunyiwe, inkqubo yokuzigquma mayiqaliswe phakathi kuSeptemba njengoko izityalo zifikelela kwibanga lokuphuhla ngamaxeshu azo. Malunga necanola, ukugquma kunokuqualiswa kwangoko. Qiniseka ukuba uyalichana ibanga lokuvuthwa nesiqulatho sokufuma apho izityalo ezahluka-hlukileyo zivunwa khona kwaye isixhobo sokuvuna kufuneka sibe kwimeko elungileyo.

Xa kuvunwa icanola into efanelekileyo kukusebenza kusasa kude cube yintsimbi ye-11 kusasa, kuhindwe kakhulu emva kwemini seliza kutshona kude kulale umbethe. Isizathu kukuba imidumba yecanola ivuleka lula xa ivunwa yome kakhulu kuze lulahleke isivuno esikhulu, kodwa xa kukho ukufuma, imidumba iyanyamezelia ingavuleki lula. Ukuba nasiphi isityalo sivunwa simanzi kakhulu kusenokuba nzi-ma kwisiselo okanye singakhawuleza sibole xa singomanga. Kwelinye icala kukuba ingqolowa nebhali, xa zimanzi kakhulu, iinkozo azahlukani lula kwizikhwebu nakumquu. Ipesenti

yomquu esiwa kwisisele iba phezulu ukuze uhlle umgangatho wayo ngokunjalo nengeniso.

Wagcine uwongule amehlo impumlo ikwizityalo wanga unganempumelelo ngexesha lakho lokuvuna.

Inqaku linikelwe nguGq Johann Strauss, uMlavuli kwiNzulwazi ngezityalo, iSebe lezoLimo leNtshona-Koloni. Ngolwazi olungaphaya kolu, thumela i-imeyilli apha: johannst@elsenburg.com.



Inyanga kaSeptemba lixesha lezityalo ezahluka-hlukileyo ezifanele ukuvunwa. Qiniseka ukuba intle imeko yesixhobo sakho sokuvuna phambi kokuvuna.

Imveliso eyimpumelelo yengqolowa enkencceshwayo

Mzantsi Afrika ungumthengi wengqolowa onyamezele ukunyuka kwamaxabiso okuthenga kumazwe angaphandle ukususela kwintlawulo eyayifana nengekhoyo ngonyaka ka-1988 ukuya phantse kwi1 900 000 (1,9) ngeetoni zezigidi ngo-2013. Ixabiso leli lizwe lengqolowa kutshintshiselwano IweSafex lisoloko lingaguquki limalunga ne-R3 400 ngetoni kude kube kuMatshi ngo-2014. Ukuba ixabiso lerandi liyahubha ngoku-ba buthathaka kusenokubakho uxinzelelo ngenxa yokunyuka kweli xabiso.

Abalimi abanezinto eziphathekayo abanokusisebenzisela ukulima ingqolowa phantsi kwemjikeleziso esesizikithini banako ukuphube ngokugcina ingqolowa kwinkqubo yabo yokujikeleziswa kwezityalo. Le mveliso yeli lizwe iya kunceda ngokunciphisa iintengo zangaphandle ukuze yanele kwimimandla yentengiso. Umlimi ngamnye makenze uhlalutyo lweenkcukacha oluqukaniselayo ukuze afumanise ukuba angakwazi na ukulima isityalo esiza kumnika inzuso. Cingisisa ngeendlekoso ezingqalileyo nezo zingangqalanga ngokwesivuno ngehektare nganye ukuze uqiniseke ukuba isakhono semveliso yakho siyafikeleta apho ufuna khona.

Ulawulo lwemveliso yengqolowa lubaluleke ngokwazo zonke iinkalo ukuze kufumaneke im-pumelelo.

Izivuno zengqolowa enkencceshwayo kwi-mimandla yeenkqubo zokunkcenkcesha ezahluka-hlukileyo kwifama ezithile zinyukile kancinanekusuka kwisihelo esimalunga ne-6,5 yeetoni ngehektare nganye ukuya kwi-10 leeton ngehektare nganye phantsi konkencesho lomjikeleziso osesizikithini eziphunyeze kumjikelo olandele iimbotyi ezinkencceshiweyo.

Umjikelo wemveliso

Nceda jonga amanqaku angenezantsi onokuwaqwalasela kumjikelo olandeloy wemveliso.

Iixhobo zokunkcenkcesha

zomjikeleziso osesizikithini

Inkqubo yokumpoma engundoqo kunyenekxaso ephambili engundoqo mayihlolwee kukhangalwe naziphi iziphene phambi kokutyalaisityalo. Qhuba ngenkqubo yomjikeleziso ukuze ukhangele naziphi iindawo ezivuzayo, ezivale-kileyo okanye eziqhekekileyo kumjikeleziso. Kwakhona qwalasela onke amathayara, iibheringi kunye neegiyebhokisi kwiinkqubo zamavili.

Qiniseka ukuba ikhontrakthi yakho yase-Eskom nenkxaso yombane yexesha elizayo ilungile.

Vala iifaneli zeegeyiji zemvula kwizikhewu ezikwiindawo eziphakathi kumhlabo okumjikeleziso ofanele ukulinywa ingqolowa uze ulinganise uphawule namaqondo okuphuma kwananzi ngokwemimiselo esebhokisini yolawulo engundoqo.

Imveliso yengqolowa enkencceshwpha phantsi komjikeleziso ifuna izixa eziphezelu zamanzi kwibanga lokubuna kwamaggabi kude kuphele ukudubula kweentyatyambo. Nakuphi ukuphazamiseka kwenkxaso yamanzi okubangela ukunqongophala kokufuma kwizityalo kunokukhokelela kwilahleko yeetoni ezimbini okanye ngaphezelu zemveliso ecwangciselweyo.

Ukulakwa kwezichumiso

Ukulakwa kwezichumiso ngokwaneleyo ngokubanzi kunye nenkxaso yenayitrojini efumaneka njengeyuria enyibilikileyo kabaluleke kakhulu. Okuqhelekileyo kukuba inayitrojini ifakwe kathathu kude kube kahlanu xa kunkencceshw. Isivuno ekujoliswe kuso se-6,5 zee-toni ngehektare nganye siya kudinga iikhilogram ezingama-240 obona buncinane, ama-40 kg e-phosphate nama-55 eekhilogram ze-potassium ngehektare nganye. Nasiphi isichumiso esifakwa ngexesha lokulima masifikwe ngaphantsi ngasecaleni kwembewu ukuze kuthintelwe nakuphi ukonakala okunokwenziwa sisichumiso kwi-mbewu entshulayo. Kuthintelte ukulaka ngaphezu kweekhilogram ezingama-45 zenayitrojini ngehektare nganye ngexesha lokulima. Ezinye iikhilogram eziyi-195 zenayitrojini ezifunekayo ziya kufakwa kulo lonke ixesa lomjikeleziso. Imigqaliselo yezivuno eziphezelu iya kufuna ulungelewaniso olungaphezu kwezi mfuneko zesi-seko. Hlalutya imihlaba yakho ufumane namacebisoso afanelekileyo kummeli wezichumiso okanye kwingsali ngezifundo zemihlaba.

Ukulungiswa komhlabo

Imeko nganye ixhomekeke kulawulo lwezikondwana ezivila kwizityalo sexesha langaphambil. Ukutshisa kutshabalalisa izixa ezinkulu ze-potassium. Ukuba usebenzisa uhlolo lokulima ngolondolozomisela iixhobo zakho zokutyalu ngokuchanekileyo uze uqinisekise ukuba imbewu ifakwe kakuhle.

Imeko yokufuma

Kabaluleke ngakumbi ukuquinisekisa ukuba ubukhulu becalo bomhlabo bukwimeko



Imveliso yengqolowa enkencceshwpha ngomjikeleziso ifuna amanzi amaninzi kwibanga lokubuna kwamaggabi kude kudlule ixesa lokudubula kweentyatyambo.

efanelekileyo phambi kokutyal. Umhlabo ophezulu unako ukuyekwa ukuba wome kancinanu ukuze ube kwimeko elungileyo yokutyalu kodwa imbewu etyaliwego inokugcinwa ngokunkcenkceshwa ukuze intshule kakuhle.

Sebenzisa inkqubo ye-SAPWAT okanye izixhokonxi zomhlaba ukuze uqwälasele ukufuma komhlaba kuwo onke amanqanaba ngexesha lomjikelo wokuhula. Kunzima kakhulu ukuba kunako ukwenzeka ukuphinda kufumaneke ukufuma okulahlekileyo emhlabeni.

Imihlanganisela

Kubalulekile ukukhetha imihlanganisela efanelekileyo ukuze kufumaneke isivuno esisesona siphezulu phantsi kweemeko ezi-khoyo kwifama yakho.

Imihlanganisela yengqolowa ihlelwa njeengeentlobo zobusika benene, ezobusika nezexesha eliphakathi okanye ezasentlakohlaza. Oku kuxhomekeka kwiqondo lengqe yelo xesha eli-funekayo ukuze kusungulwe ukukhulisa kwayo ukususela kwibanga lokwanda kwayo ukuya eku-phuhleni kwembewu xa kuza kuphuma iintloko zembewu okanye izikhwebu zengqolowa. Inkqubo yemfuneko yengqe yaziwa njengokungena kwentlakohlaza. lintlobo zasebusika zipuhlu imbewu ukususela kwiingambu ezingamahlakani ezivela emva kokuqalisa kokuntshula kwembewu kunaxa kuthelekiswa nemihlanganisela yentlakohlaza. lintlobo zasebusika zinokufakwa imbewu kungangxanywanga kuneentlobo zasentlakohlaza.

Imihlanganisela yasentlakohlaza efanele ukunkcenkceshwa ayinamfuneko yengqe kwaye iyakwazi ukudubula kwiintsuku ezi-malunga ne-100 ukuya kweziyi-113 emva ko-

kutyalwa. Khetha imihlanganisela ebonakale ifanele indawo ohlala kuyo. Jonga ukuba yeyiphi efanelekileyo ngokokuxhomekeka ekubeni ngaba ulima kwiindawo ezipholileyo zokunkcenkcesha okwenziwa esizikithini na okanye ukwiindawo ezifudumeleyo kwimandla esentshona yeendawo zemveliso na.

Qhagamshelana nabaphuhlisi bemihlanganisela yengqolowa nabathengisi ukuze ube nolwazi ngokuba yeyiphi ekhula kakuhle kwindawo ohlala kuyo.

Umhla wokutyal

Umhla yokutyalu efanelekileyo kwiindawo ezithande ukuphola ezisesizikithini iphakathi komhla wokuqala kujuni ukuya kowama-25 kuJulayi. Into eqheleke kwiindawo ezithile zokunkcenkcesha kukujikelezisa umbona nokulinywa kwengqolowa kwiindawo ezibandayo ngokusebenzisa imihlanganisela yombona ekhawulezayo. Isityalo esingumbona sivunwa kwiveki yokuqala kujuni xa sibamezelekile ukuze kuhawuleze kulandeliswe ngokutshisa izikhondwana zombona okanye ngokuzenza iinyanda ukuze kuvuleke isithuba sokukhula kwembewu yengqolowa. Kwindlela yokulima ngolondolozo okanye kwiinkqubo zokuhlakula sisixhobo sokutyalu esomeleleyo kuphela esinokuwenza loo msebenzi. Enye into enokuba lula kukutyalu ingqolowa emva kweembotyi zesoya okanye emva kwethuba lefusi kumjikelo wokunkcenkceshwa kweziyalu. Ukuqokelelanaa kweentsalela zesityalo kumhlaba ongaphezulu ukususela kumaxesha onyaka azizandulela kungakwenzakalisa ukhuma okufanelekileyo kweziyalu zengqolowa.

Zinako ngokunjalo ukuba zizisulu zezifo zeengambu nezezikhondo.

Amanani ezityalo

Amacebiso malunga namanani ezityalo afanelekileyo ahluka ukusuka kwi-100 kg ukuya kwi-120 kg ngehektare nganye kwaye akhokelelakumananiaphakathkwama-250000 nama-325 000 ezityalo ngehektare nganye. Amava am aphathelele kwiindawo kukuba iintlobo ezithile zengqolowa ezinkcenkceshwa ngokokwamanani ahluka-hlukileyo zinefuthe kwimihlabu yakho yefama. Khangela ubunzima bembewu engange-100 ukuqiniseksa ukuba zingaphi izityalo ezinako ukukhula kwimbewu engangekhilogram ngekhilogram nganye oyisebenzisileyo.

Sebenzisa iinkqubo zolawulo lokhula ezimanyanisiweyo ukubek'esweni nokuqwalase-la isityalo ukususela ngosuku lokuqala lokutyalu. Ezinye iindawo zemveliso zifuna ukusetyen-siswa kwezitshabalali zomngundo kumabanga athile okukhula.

Isiphetho

Landela onke amacebiso anikwe kweli nqaku ukuze uphumelele. Hlola inkqubo yokukhula kwesityalo sakho yonke imihla ngokunjalo uqwälasele isakhono somjikeleziso malunga nokufikelela ekunkcenkceshweni okwaneleyo kwsesityalo.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhla-phantsi.

***Olu phawu olulodwa Iwenzeke ngenxa
yagalelo lakwa Winter Cereals Trust.***



Cinga ngokulima ngolondolozo

Ukusela kudala-dala umntu ebewulima umhlaba ukuze atyale imbewu ngenjongo yokuzenzela ukuya. Kwakusetyenzisa izixhobo zezandla nezilwanyana ukulima umhlaba ukuze umntu atyale.

Ukuqhekeza umhlaba nokuwukhulula ube noncedo oluthile kuba ibiyindlela yokulungiselela umandalalo olungileyo wembewu. Ukhula belutshatyalaliswa kangangoko kunokwenziwa kwaye umhlaba uphethulwe. Umhlaba ubugqobhozeka kungene amanzi emvula emva kokulinywa kwavo. Umoya nawo ukungena phucukileyo, ukuze zikwazi ukuphila izidalwanana zomhlaba ezifuna umngomoya ukuze ziphile kwaye bezisanda.

Ukulima kokujala kubandakanya ukulima umhlaba ngamandla kanti ezinte izixhobo ezi-setyenziswayo zonakalisa iinxalenye zomhlaba ngeliniye ixesha.

Emva koko kulandele ukulima kwesiqhelo, apha amakhuba ayesetyenziselwa ukuphethula umhlaba. Bekuphinda kulinywe kanye phambi kokutyalu ukuze kutshatyalaliswe ukhula ukusela lusaqala ukukhula nasemboneni oyawa ngabantu. Oku bekuqinisekisa umandalalo wezithole olungileyo apha besilima khona ngempumelelo. Xa kwanele ukufuma emhlabeni imbewu ibintshula kakuhle ukuze amanani anqwe-nelekayo afumaneke lula. Ukusetyenziswa kwemichiza etshabalalisa ukhula emva kokutyalu ibiqinisekisa ukutshatyalaliswa kokhula kwaye oku bekusebenza kakuhle kakhulu.

Esi ibisisithethe sehlabathi liphelele, kwaye nangoku kusenjalo, kodwa akusaxhaphakanga kule mihih yanamhla.

Ukulima kokujala emva kwexesha lonyaka kuxhomekeka kwizixa nakwiintlobu zeentsalela zezityalo emasimini emva kokuvuna. Xa bekuqhekeza iintsaleta ezinde, zisebenzisa ikhuba lezikotile ukuze sisike iintsaleta phambi kokulima. Umlimi kufuneka azame ukulima xa umhlaba ufume ngokwaneleyo. Umhlaba owomileyo udinga ukutsalwa ngakumbi, ukuze umhlaba uqhekeke uvuleke njengamagade amakhulu aza kufuna ukuphethulwa ngakumbi ukuze acoleke. Xa umhlaba umanzi kakhulu xa ulinywa, uyagangath-eka ukuze kufuneke izixhobo zamazinyo angena nzulu ukuqhekeza umaleko ogangathekileyo. Ngokuncedisa likhuba lezikotile, isichumiso okanye ikalika kanti maxa wambi imichiza etshabalalisa ukhula inokusetyenziswa ngempumelelo kunezihobo ezinamazinyo, ezinokusinja ukusetyenziswa kabini okanye kathathu.

Kwezi ntsuku abalimi balima kancinane base-benzisa okona kulima kuncinane ngamakhuba

ezikotile, balandelise ngamakhuba okuqengqa. Oku kulima kushiya iintsaleta ezimbawla kakhulu ngaphezulu, ukuze oko kuhokelele kuhukulise-lo olonakalisa njengolo lwalusenziwa kukulima kwesiqhelo.

EMzantsi Afrika, apha ukhukuliseko neembalela ziyingxaki enku khona, kufuneka sijonge ukulondolozwa kokufuma. Apha asiwulimi umhlaba kwaye asiwukrazuli ukucinisekisa ukuba umlimi ufaka iintsaleta emhlabeni, kodwa iintsaleta zihlala ngaphezulu. Oku kungenziwa ngezixhobo ezinamazinyo, kodwa ezi zixhobo zingathintel iintsaleta eninzi kakhulu entsimini. Ukuze baziqhekeze iintsaleta abalimi bafanele ukusebenzisa amavili ami nkqo nakwaziyo ukukrazula iintsaleta, kunye neziqengqi ezineebleyidi nazo ezisika iintsaleta zibe ziintwana ezincinane.

Ngokulima okukokona kuncinane, imbewu ityalwa kuluhlu olumxinwa apha umhlaba uphamaziseka khona, kodwa kungalinywa phakathi kwemiqolo. Ukuusetyenziswa kwemichiza etshabalalisa ukhula kwenza ukuba umhlaba une nako ukungaphethulwa. Xa kunjalo kusetyenziswa isixhobo sokutyalu sohlobo olulodwa, kodwa siduru esi sixhobo. Ezi zixhobo zokutyalu zinzima kwaye zomelele ziyakwazi ukusika iintsaleta zezityalo nokuvula iindlela emhlabeni ongahlkulwanga ukuze kufakwe imbewu. Olu hloblo lokulima seluthandwa kwihi labathi lonke. Uku-ngenka kwamanzi emvula, ukucutheka kokhukuliseko lomhlaba, ama qondo aphantsi omhlaba no londilolo oluphucukileyo lokufuma zizinto ezi-luncedo ezimbawla ezifumaneka kule nkubo.

Ukukhetha indlela yokulima

Iqondo apha umhlaba ugangatheka khona malifunyaniswe kuqala phambi kokuba umlimi akhethet uhlobo lokulima anokulisebenzisa. Umhlaba ogangathekileyo ubambezela iingcambu zezityalo okanye uzithintela ngokupheleleyo ukuba zingaqqobozeli emhlabeni nzulu. Amanzi asemhlabeni nezondlo ezingaphantsi komaleko womhlaba ogangathekileyo awanakufumaneka kwiingcambu zezityalo. Ugangatheka okanye uqweqwe olungumaleko ongaphezulu womhlaba, apha unokuchaphazela ukungelela kwamanzi nokukhula kwezithole. Indlela eyiyeyona isebe-nzayo yokufumanisa ukugangatheka kukwemba imingxuma efanayo ukuqwalasela iingcambu ze-tyalo ngaphantsi komhlaba. Lingcambu eziqhele-kileyo zezityalo zinamahlakan, ukuze kubekho neengcanjana ezibhityleyo, kodwa ezo ngcambu zicaphazeleleyo zityeba kwaye ziqhekeke kwi-qanaba apha ukungelela kuyingxaki khona.

Umhlaba oyisanti uya kugangatheka ngokukhawuleza ngakumbi kodwa awunamanzi maninzi njengodongwe. Isanti ephaphathekisa ngumoya iza kugangatheka lula, naxa seyiphantse yoma khonkqo. Isixhobo sokukratala esisetyenziswa apha ebusika kubunzulu be-450 mm, nobabanzi bemiqolo beemitha eziyi 1,5. Imiqolo yesixhobo sokutyalu ityalwa ngqo kwimiqolo ekrazuliweyo ukuze iingcambu zesi-tyalo zifikelele ekufumeni okukhoyo okunzulu emhlabeni. Iintsaleta zezityalo mazigcinwe es-antini ephaphathekiswe ngumoya ukuze kuthintelwe ukhukuliseko lomhlaba kangangoko. Kwimihlaba enodongwe (olungange 5% - 10%), enesakhono esithe chatha sokugcina amanzi, kungafunke ukulima okunzulu kumaxesha ngamaxesha. Kwimihlaba enodongwe oluninzi (10% - 20%) apha uqina khona umhlaba kodwa kuge kulinywa kuloo ntsimi, amavili etrekta kwimisele elinywayo iza kuwuqinisa ngakumbi umhlaba. Ukusebenzisa izixhobo ezinamazinyo kufanele ukuyisombulula le ngxaki noko. Umhlaba onodongwe olungaphezu kwe 20% awufane ube nengxaki yokugangatheka, xa ungalinywanga umanzi kakhulu. Apha kukho khona ingozi yokugangatheka, ikhuba letshizili lisinika iziphumo ezi-phucukileyo njengoko ivili emseleni lingembi.

Ngezizathu zoqoqoshu kufanele ukutshitshi-swa ukulima okungeyomfuneko ukuze kusetyenziswe ukulima kolondolozo. Ngenxa yeengxaki ezikhoyo zeendleko, iingoz zokhukuliseko lomhlaba nabalimi bolondolozo bokufuma mabazikise ngakumbi ekulimeni okuncinane nokulima ngolondolozo xa umhlaba wabo ukuvumela oku.

Inqaku linikelwe nguJurie Mentz, umQuquzeleli woPhuhliso kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwamaFama. Ngolvazi oluthe vetshe, thumela i-meyili apha: jurie@grainsa.co.za.





Isicwangciso semali sesityalo esilandelayo sakho

Inye kuphela indawo oya kufumana kuyo ukuba igama elithi IMPUMELELO liphambi kwelithi UMSEBENZI kukwincwadi yesi-chazi-magama. Ukuze uphumelele kwishishini lakho kufuneka wenze umzamo omkhulu (usebenze) kanti nokwenza isicwangciso semali nako kufuna usebenze.

Kutheni kufuneka ndenze isicwangciso semali phambi kokulima isityalo am esilandelayo?

Zinzi iimpendulo ezinokuphendula lo mbuzo kodwa eyona mpendulo iphambili sisizathu esenze ukuba ube ngumlimi sokufumana imali yokuziphilisa. Ukuze ukuzuze oku, ishishini lakho malibe

nempumelelo – ingeniso iphelele maybe ngaphezu kwazo zonke iinkcitho – xa kunjalo iba khona inzuzo onokuzisebenzisa yona (umvuzo wakho).

Umsebenzi wokufama lelona shishini kunzima kakhulu ukulihuba kanti ukwenza inzuzo kufuna ulawulo lomgangatho ophezulu. Abalimi abalumkileyo ngokwasemalini bajongana nomceli-mnjeni ekuthiwa kukucudiswa ziindleko-ngamaxabiso apho amaxabiso ezinto zamalungiselelo (iinkcitho) enyuka ngesantya esithe chatha kunamaxabiso eentengiso zakho (eemveliso). Imvumelwano ekhoyo ngokubanzi kukuba kwixesha lokulima lonyaka odlulileyo amaxabiso empahla yaho onke amalungiselelo okulima ayenyuke nge-19% ngokubanzi logama amaxabiso eemveliso ayephantsi kakuhle.

Umceli-mnjeni abajongene nawo abalimi bethu kukwandisa imveliso ukuze bandise ingeniso kodwa babe bethwele uxanduva Iweendleko zamalungiselelo. Oku kungenziwa ngolawulo olfanelekileyo – ukwenza izicwangciso, ukulungiselela umsebenzi, ukuphumeza nokuqwalasela. Ukwenza izicwangciso zemali ke ngoko kuyinxalenyen yomsebenzi wokwenza izicwangciso kulawulo olfanelekileyo. Aku-nayo enye indlela – unyanzelekile ukuba wenze izicwangciso ukuze uphumelele.

Ndingazenza njani izicwangciso zemali zesityalo sam esilandelayo?

Naxa kuvakala kungaqhelekanga oku kodwa kufuneka ugale ngenkqubo yokuququzelela imveliso yakho. Ngoko ke **inyathelo lokuqala** kukubhala phantsi iinkcukacha ezininzi kangangoko unako inyathelo ngalinye onokulandela lokuvelisa isityalo sakho – ukususela kumalungiselelo omandlalo wezithole ukuya ekuvuneni nasekuthengiseni. Le yinkqubo yakho yolawulo lwemveliso. Kule nkqubo kufuneka uphendule imibuzzo elandelayo:

- Ndiza kwenza ntoni?
- Ndiza kuyenza nini?

Itheyibhile yesi-1: Umzekelo wohlahlo-mali lwemveliso yombona omhlophe wexesha lonyaka langoku ngo-2013/2014.

	R/ngehektare 3,5 yeeton zemveliso/nge-hektare nganye	lindleko eziqikelelwayo ziphelele zokulima (100 yeehektare)
Ingeniso @ R2 145,00 ngetoni nganye	7 508,00	750 800,00
Ixabiso lemveliso elipheleleyo	7 508,00	750 800,00
Kususwe: lindleko ezishiya-shiyanayo nezingqalileyo ezabiweyo		
Imbewu	457,00	45 700,00
Isichumiso	1 454,00	145 400,00
Ikalka	330,00	33 000,00
Izitshabalalisi zokhula	375,00	37 500,00
Izitshabalalisi zezonakalisi zezityalo	163,00	16 300,00
I-inshorensi – amalungiselelo	148,00	14 800,00
Amafutha esithuthi	805,00	80 500,00
Ukukhanda	515,00	51 500,00
I-inshorensi yesityalo	285,00	28 500,00
lindleko zokuthengisa	237,00	23 700,00
lindleko ziphelele	4 769,00	476 900,00
Umda wesixa-mali esipheleleyo	2 739,00	273 900,00
Kususwe: lindleko ezisisigxina nezinye ngokubanzi (ukuba zikhona)	2 350,00	235 000,00
Ingeniso yeshishini emva kokuxhuzulwa kwemali	389,00	38 900,00

Itheyibhile yoku-2: Umzekelo wokubalwa kwezixa-mali oya kuzisebenzisa ngehektare xa uphindha-phinda ngeendleko zamalungiselelo.

lindleko eziqikelelkayo zembewu					
Ixabiso elilindelekileyo ngengxowa ye-25 kg (a)	Imbewu ngehektare nganye (b)	lindleko ngehektare nganye (c) (a/25 x b)	lihektare ezifanele ukulinywa (d)	Inani leengxowa ezifanele ukulinywa (e) (d x 6)/25	lindleko ezilindelekileyo ziphelele (c x d)
R1 904,00	6 kg	R457,00	100	24 yeengxowa	R45 696,00
lindleko eziqikelelwayo zeinshorensi yesityalo					
-	-	R285,00	100	-	R28 500,00

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
 7 Collins Street, Arboretum
 Bloemfontein
 ▶ 08600 47246 ◀
 ▶ Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
 ▶ 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWAHLELI

Liana Stroebel
 ▶ 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
 ▶ 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
 IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
 iSesotho, iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO
Danie van den Berg
 Free State (Bloemfontein)
 ▶ 071 675 5497 ◀ danie@grainsa.co.za

Johan Kriel
 Free State (Ladybrand)
 ▶ 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatsi Nyambose

Jerry Mithombothi
 Mpumalanga (Nelspruit)
 ▶ 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Naas Gouws
 Mpumalanga (Belfast)
 ▶ 072 736 7219 ◀ naas@grainsa.co.za

Jurie Mentz
 KwaZulu-Natal (Vryheid)
 ▶ 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 034 980 1455 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam
 EMpuma-Koloni (Kokstad)
 ▶ 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Jenilee Bunting

Lawrence Luthango
 EMpuma-Koloni (Mthatha)
 ▶ 076 674 0915 ◀ lawrence@grainsa.co.za
 ▶ e-Ofisini: 047 531 0619 ◀ Cwayita Mpotyi

Toit Wessels
 ENtshona-Koloni (Paarl)
 ▶ 082 658 6552 ◀ toit@grainsa.co.za

*Olu papasho luhumelele ngenxa
yoncedo le-Maize Trust.*



IsiCwangciso semali sesityalo esilandelayo sakho

- Ndiza kuyenza njani?
- Ndinenjongo yokuvvelisa izityalo ezingakanani ngehektare nganye?
- Ndiza kuwlungisa nini nanjani umandlalo we-zithole? (Ukulima, ukuphethula umhlaba noku-wulima kancinane kangangoko).
- Ndiza kusebenzisa eyiphi imbewu kwaye kangananani?
- Zeziphi izitshabalalisi zezinambuzane endiza kuzisebenzisa, naziphi izitshabalalisi zezinto ezonakalisa izityalo?
- Ndiza kulutshabalalisa njani ukhula – ngoomathini kunye(okanye ngemichiza?
- Ndiza kuvuna njani kwaye nini?
- Ndiza kuyithengisa njani kwaye nini imveliso yam?

Ngoko ke iNkubo yolawulo lwemveliso **yinkcazo ebhaliweyo yeniyathelo ngenyathelo** ngesenzo ngasinye senkubo yemveliso yesiheshini elithile. lyimpendulo epheleleyo yombuzo othi “**ndiza kuyikhupa njani imveliso**”.

Lilishwa ke ukuba kufuneka wenze isicwangciso semali ngonyaka ngamnye kodwa ithamsanqa kukuba xa uyenzile inkubo yolawulo lomsebenzi wemveliso kunye nesicwangciso semali kuba lula kakhulu kunyaka olandelayo. KODWA oku kubalu-luke ngonguKODWA – phinda uyiqualasele kwaye ubuyelete kwinkubo yakho nakwicwangciso sakho ngonyaka ngomnye. Kunyanzelekile oku ukuze uyiphucule ngonyaka ngamnye kwimveliso yakho. Kupuhliswa imihlanganisela emitsha, kananjalo kukho imichiza emitsha nephuculiweyo, kukho netheknojoli entsha, njalo njalo.

Inyathelo elilandelayo kukungqamanisa amanani emali nenyathelo/umsebenzi ngamnye kanti ukuze ukwazi ukwenza oku kufuneka ube neenkukacha zamaxabiso, ingeniso neenkictho. Kucetyiswa ukusebenzela phezu kwehektare nganye oza kuyilima.

Ndiza kuwafumana phi amaxabiso?

Oku ngumzamo kwaye kuthatha ixesa. Sebenzisa amaxabiso akho onyaka odlulileyo, ukuba unawo njengesikhokelo. Zidibanise nabani-kizinkonzo bakh, qhagamshelana neGrain SA, uthini ngeqela lakho lofundu-nzulu? Funda iimagazini eziliqela ezifumanekayo, khangela nakwi-intanethi ukuba ikhona.

Xa ubala iindleko ngehektare nganye ngento nganye, kufuneka ubale isixa oza kusisebenzisa ngehektare nganye usiphinda-phinde ngeendleko zamalungiselelo akho. lindleko ekunzima ukuzibala zezamafutha esithuthi nezokuhanda kodwa xa unawo amanani exesa elidlulileyo ungawasebenzisa njengesikhokelo osebenzela phezu kwaso.

Yintoni elandelayo?

Xa sownazo zonke iinkukacha zemali unako ukwenza uhlahlo-mali lwemveliso okanye olukwaziwa ngokuba luuhlahlo-mali lweshishini, kanti ngasezantsi unikwe umzekelo. Uhlahlo-mali lwemveliso luya kubonisa iindleko zemveliso zonyaka olandelayo ngokusekwa kwinkqubo yakho yolawulo lwemveliso yeshishini. Khumbula ukuba uhlahlo-mali luchazwa njengesicwangciso esibhaliweyo, esibalulwa ngokwezixa eziphathekayo nezemali, zamanyathelo exesa elizayo eshishini lakho afanelwe ukulandelwa ukuze kuphunyeze we iinjongo ezimiselweyo.

Xa ungakwazi ukuzenzela olwakho uhlahlo-mali lweshishini khumbula ukuba lukhona uncedo kumaziko ahluka-hlukaneyo. Okanye fumana umntu onokukwenzela, nokuba kufuneka umhawule loo mntu – uya kuba uncedakele – eso sisiqinisekiso. Okanye fumana uhlahlo-mali, umzekelo, kwiGrain SA, umniki-nkonzo wakho wamalungiselelo okanye iqumruh lezolimo kwindawo yakho. Nangona le mizekelo yohlahlo-mali ingangqaliswanga ilungile xa umntu esaqala.

Wakuba wenze umzamo wokuhlanganisa uhlahlo-mali bubulumko ukulusebenzisa ngendlela efanelekileyo njengesikhobo solawulo. Xa usebenzisa uhlahlo-mali lwakho ngokupheleleyo, kuyaphucuka ukuqequesheka kwakho kulawulo lweshishini lakho. Njengoko ungumnini/umlawuli weshishini lakho kusenokuba nzima ngelinye ixesa ukuba ubo “kwangumphathi” wakho. Ngenxa yokuba sukuba ilishishini lakho unako ukwenza okuthandayo ngemali yakho uyichithe nanjani ngokomqweno wakho. Ukuziphatha ngale ndlela yindlela eqinisekileyo eya entshabalalweni. Uhlahlo-mali lunako ukusebenza “njengomphathi” wakho ukuze lindedekie ishishini lakho. Ukulusebenzisa kuhkhuthaza ukuziqhelisa ukuphumeza yonke imisebenzi ngokwezicwangciso nangkweendleko ezivumelekileyo zomsebenzi lowo. Uhlahlo-mali lungakunceda ukuba ulawule ishishini lakho ngendlela efanelekileyo.

Khumbula ukuba inye indawo onokufumana kuyo igama elithi IMPUMELELO phambi kwelo lithi UKUSEBENZA kukwincwadi yesichazi-gama kuhela kanti ukwenza isicwangciso semali kufuna ixesa nomzamo (ukusebenza). Akaho umntu owakhe wathi ulula umsebenzi wokufama – yenza umsebenzi wokufama ngokuzimisela kangangoko, uya kuwufumana umvuzo.

**NguMarius Greyling, umbhali kwiPula/Imvula.
Ngolwazi olungaphaya kolu, thumela
i-imeyili apha: mariusg@mccgacc.co.za.**